Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

# ISIGABA ESIPHEZULU

# IBANGA LESI 9

# EYENKANGA 2017

# ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL) P3 IMEMORANDAM

**AMANQAKU: 60**

Le memorandam inamaphepha ama-5.

## ICANDELO A: UKUBHALA ISINCOKO

### IMIYALELO YOKUMAKISHA

Kweli CANDELO umviwa ukhetha isihloko sibe SINYE. Ukuba ukhethe zazibini makisha esokuqala kuphela.

**QAPHELA:**

Umviwa angabhala naluphi udidi lwesincoko ngesihloko asikhethileyo. Ubude besincoko bumele ukuba malunga namagama angama 210–250.

Sebenzisa irubriki ukumakisha isincoko.

1.1 Okulindelekileyo kumfundi:

- Kukuba abe noyilo okanye imephu yengqondo.
- Kwintshayelelo kufuneka kubonakale ukuba uyamazi umhlobo ukuba ngumntu onjani.
- Ibali abalisa ngalo kufuneka libe nomxholo obambekayo nokholelekayo.
- Isincoko sakhe sibe kwixesha eladlulayo.
- Intshayelelo kufuneka idlwengule umdla kulowo uyifundayo.
- Isiqu sihlale sisemxholweni kwaye sizama ukuphuhlisa umba othile.
- Isiphelo sibe sesinomdla nesingaqhelekanga **[40]**

1.2 Naku okulindelekileyo:

- Kwintshayelelo umfundi ubonakalisa ukuyazi imbali yaseMzantsi Afrika.
- Ukuyazi imithetho yamaqela elizwe ingakumbi iqela elilawulayo.
- Uvelela amalungelo abantwana akumgaqo -siseko weli.
- Ukutshintsha kwamaxesha.
- Isiphelo esinika iingcebiso kubazali nengcebiso kurhulumente olawulayo ngendlela yokwenza imithetho. **[40]**

1.3 Kwesi sincoko kufanele umfundi kwintshayelelo abonise ulwazi ngobuxelegu.

- Avelele iindidi zobuxelegu.
- Indlela obungamkelekanga ngayo eluntwini.
- Iziphumo zobuxelegu.
- Ukuthobeka kwesidima saloo ndawo imdaka okanye lowo ulixelegu.
- Isiphelo masinike imfundiso sixhobise uluntu ngobubi bobuxelegu. **[40]**

1.4 Kulindeleke ukuba aveze onobangela abaziindidi zokuba aba bantwana babe abakho emakhayeni abo.

- Kwintshayelelo kulindeleke ukuba ayazi intsingiselo yokuhleleleka,neyekhaya ukuba ithetha ukuthini.
- Aveze ulwazi ngobunjani bempilo yasesitratweni.
- Iimeko ezibathumele esitalatweni.
- Iimeko aba bantwana abajongana nazo ezinobungozi.
- Indlala eye ikhokelele ekubeni babe ngamasela.
- Indlala ekhokelela ekubeni basebenzise iziyobisi.
- Isiphelo masishwankathele sinika ingcebiso ngale meko eveza izimvo zakhe. **[40]**

1.5 Kulindeleke oku kulandelayo:

- Umfundi kufanele anike isihloko esifanelekileyo ukuqikelela umfanekiso awunikiweyo.
- Yintlalo yasematyotyombeni le ingentla kufanele aqale achaze yona.
- Ulwazi analo ngentlalo yasematyotyombeni nezizathu ezihlalisa abantu kwezi zindlu zexheshana.
- Iinzame urhulumente azenzayo ukukhupha abantu ematyotyombeni.
- Ukuncedisana kwabahlali okanye uluntu norhulumente.
- Onobangela bokuba abanye babe bahlala apho nabakhetha ukuhlala apho kunasezindlwini.
- Isiphelo masiqoshelise sinika amanyathelo urhulumente afanele awathathe ukuphelisa ukuhlala kwabantu ematyotyombeni. **[40]**

**AMANQAKU EWONKE ECANDELO A: 40**

## ICANDELO B: IMIHLATHANA

## IMIYALELO YOKUMAKISHA

Kweli CANDELO umviwa ukhetha umhlathana ube MNYE. Ukuba ukhethe yamibini makisha ube MNYE kuphela. Ubude bomhlathana bumele ukuba malunga namagama ali 140-190 ngomhlathana lowo awukhethileyo.

Sebenzisa irubriki ukumakisha umhlathana lowo.

2.1 Okulindelekileyo kumfundi.

- Kulindeleke asazi isikhokelo sokubhalwa kweleta yobuhlobo.
- Injongo yokubhalwa kwayo.
- Udidi olubhalelwayo, umzekelo: isihlobo, umzali .
- Ukuqiniseka ukuba ubhalela bani na ngoba ithoni athetha ngayo iza kwahluka.
- Ifomathi yokubhalwa kweleta yobuhlobo kweyoburhulumente.
- Idilesi yalo ubhalayo, umhla, inyanga nonyaka ebhalwe ngayo , eyibhala ephi?
- Ukushiya imigca emva komhlathi ,isibuliso, isiqu , kunye nesiphelo.
- Kwisiphelo ushiya umyalezo okanye umnqweno. **[20]**

2.2 Kulindeleke ukuba umfundi ayazi ukuba yintoni ingxelo.

- Kulindeleke ukuba umfundi anike ingcaciso ngokuthe kwenzeka.
- Ingxelo yakhe iza kunyathela kwakubonileyo okanye okwenzekileyo..
- Imiba ebekuthethwa ngayo mayinike abaphulaphuli ulwazi olwaneleyo.
- Makayibhale imiba ngokweengongoma.
- Makucace ukuba kuthethwa ngantoni.
- Makubekho umbhali wengxelo aze atyikitye/ asayine.
- Mayibe nomhla ethe yabhalwa yasayinwa ngawo. **[20]**

2.3 Kulindeleke ukuba umfundi ayazi indlela ekubhalwa ngayo ingxoxo yababini.

- Kufanele anike intshayelelo echaza ukuba uthetha nabani ? edibana naye phi? Bethetha ngantoni?
- Umfundi kufanele alandele ubhalo lwengxoxo ngokuthi abonise izithethi ezibini zithetha ziphendulana.
- Uphendula umbuzo, naye abuze.
- Icala ephepheni apho izithethi zibhalwa khona. Kushiywa umgca phantsi kwentetho yabo.
- Ufikelela kwizigqibo zentetho yabo.
- Kwisiphelo bayavumelana okanye bangavumelani ngomba lowo bebethetha ngawo. **[20]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 20**
**AMANQAKU EWONKE: 60**

## ICANDELO A

## UMBUZO 1: IRUBRIKI YEZINCOKO

| Imiqathango | 20–22 | 16–18 | 14–16 | 12–10 | 0–6 |
|---|---|---|---|---|---|
| | 5 | 4 | 3 | 2 | 1 |
| Umxholo | Umfundi ubonakalisa ukuyazi into abhala ngayo de asebenzise imizekelo ngolwazi analo. | Umfundi ubonakalisa ukuyazi into abhala ngayo usebenzisa nemizekelo. | Umfundi uyaqonda kodwa kufuneka esebenze ngokuzimisela. | Akukho sihlahla umongo ubhityile awanelisi. | Isihloko siqondwa luzizi ulwazi lufihlakele. |
| Isicwangciso somsebenzi | Uyilo lwezimvo lucwangciswe ngokucacileyo kwimephu yengqondo izimvo zivela zithungelana ziyahambelana ngokwamanqanaba azakhele wona. | Uyilo lugqwesile kwimephu yengqondo,izimvo ziqaqambile kwaye zilandeleka lula. | Uyilo lukhona kwimephu yengqondo izimvo zisemgaqweni kwaye zilandeleka lula. | Lukho uyilo kwimephu yengqondo olungephi kodwa akukho sikhokhelo sisiso, uphumile emxholweni | Akukho mbonakalo yayilo konke kugqame ukungaqondi. |
| | 10 | 8 | 6 | 4 | 2 |
| Isakhiwo | Isakhiwo sakhe asithandabuzeki, izimvo zihambelana ngokwemihlathi. | Isakhiwo sakhe asithandabuzeki, izimvo zihambelana ngokwemihlathi. | Isakhiwo silandelwe kodwa asinasihlahla, izimvo ezingundoqo zikhona kodwa ukuthungelana kwezimvo kukumana kulahleka. | Akukho kuthungelana phakathi kwemihlathi okugqibeleleyonezimvo azinelisi. | Isakhiwo asicacanga kwaye ukuthungelana kwezimvo akubonakali nentsingiselo ayivakali. |
| | 8–10 | 6–7 | 4–5 | 2–3 | 0–1 |
| Ukusetyenziswa kolwimi, upelo nempawu zokubhala | Ulwimi lusetyenziswe ngendlela ephuhlileyo kukho amagama akhethiweyo anika umdla. Upela kakuhle akanazimpazamo. | Akukho ziphene ulwimi lusetyenziswe ngendlela efanelekileyo, isigama nesimbo zitsala umxhelo. Upela ngendlela echanekileyo. | Ulwimi lusetyenziswe ngendlela kodwa zikho iziphene ezimbalwa, upelo luchanekile, isimbo sokubhala siyahambelana neenjongo. | Iziphene zolwimi zininzi. Upelo nokusetyenziswa kwempawu zokubhala kusafuna ukuqwalaselwa. | Iziphene zolwimi zininzi, intsingiselo ayikho kunye nezimvo. Akawuqondi kakuhle umcimbi wopelo nempawu zokubhala. |

**AMANQAKU ECANDELO A: 40**

## ICANDELO B

## UMBUZO 2: IRUBRIKI YEMIHLATHANA

| IINGONGOMA EZIZA KUJONGWA | 4 | 3 | 2 | 1 |
|---|---|---|---|---|
| **AMANQAKU** | **Amanqaku ma-6** | **Amanqaku ma-4** | **Amanqaku ma-2** | **Amanqaku akakho-0** |
| Izivakalisi<br><br>Iziphumlisi | Zonke izivakalisi zakhiwe ngemigaqo yolwimi ngesiXhosa esisulungekileyo akukho zimpazamo.<br><br>Uzichanile iziphumlisi kuyo yonke indlela yokubhala. | Zonke izivakalisi zakhiwe ngokufanelekileyo.<br><br>Inye impazamo efumanekayo yesiphumlisi. | Ubuninzi bezivakalisi abunazo iimpazamo ngokwakheka kwazo.<br><br>Zintathu iimpazamo ezifumanekayo zeziphumlisi. | Zininzi iimpazamo ezifumanekayo kulwakhiwo lwazo.<br><br>Zininzi kakhulu iimpazamo ezifumanekayo, zingaphezu kwesine. |
| **AMANQAKU** | **8** | **6** | **4** | **2** |
| Izimvo zomxholo | Izimvo zibekwe ngendlela yobuchule ecace kakhulu zicwangciswe kakuhle ukufumana umxholo weleta. | Izimvo zibekwe ngokucacileyo nomxholo uyavela. | Izimvo zicwangcisiwe kodwa azigqibelelanga ukucaca malunga nomxholo weleta. | Ileta ibonakala ngokungathi kuqokelelwe izivakalisi ezinganiki ntsingiselo nomxholo weleta. |
| **AMANQAKU** | **8** | **4** | **2** | **0** |
| Isakhiwo | Isakhiwo siqwalaselwe ngendlela echanekileyo ethi inike ukusulungeka kuyo yonke imiba yesakhiwo.<br><br>Amagama asetyenzisiweyo ngakhethekileyo athi anike ukusulungeka kolwimi. | Phantse zivele zonke iimpawu zesakhiwo seleta yobuhlobo.<br><br>Uwasebenzisile amagama akhethekileyo kwezinye iimeko. | Ezinye iimpawu zesakhiwo aziveli.<br><br>Avela kancinci amagama akhethekileyo. | Aziveli iimpawu zesakhiwo ngokucacileyo.<br><br>Akaveli kon akhethekile |

**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 20**